CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Uyilo oluhlaziyiweyo lweSicwangcisobuchule esingoLawulo lokuThuthwa kweMithwalo (FMS)

ISISHWANKATHELO

EyoMdumba 2026

ISebe loCwangciso lwezoThutho noLawulo loThungelwano

ICandelo loZinzo lwezoThutho eDolophini

1. Kutheni kubalulekile ukuthuthwa kwemithwalo eKapa

Yonke imveliso esiyithengayo - ukusuka ekutyeni ukuya kwizinto zokwakha - ixhomekeke ekuthuthweni kwemithwalo. Intshukumo yokuthuthwa kwemithwalo - nokuba kungololiwe, ngelori, isithuthi esikhaphukhaphu esihambisa impahla okanye imithwalo emincinci - ixhasa uqoqosho lwaseKapa, oluxhasa imisebenzi kunye nokudibanisa amashishini asekuhlaleni kwiimarike zelizwe nezehlabathi. Njengoko isixeko kunye noqoqosho lukhula, intshukumo yothutho lwemithwalo (kuquka nokuthuthwa kwenkunkuma) nayo iyakhula. Uninzi lwemithwalo idlula eKapa ihamba **ngendlela**, nto leyo ekhokelela kumonakalo wendlela, imingcipheko yokhuseleko kunye neempembelelo zokusingqongileyo, kwaye konke oku kunegalelo, kwaye kuchatshazelwa, yingxinano yezithuthi.

ISicwangcisobuchule esihlaziyiweyo esingoLawulo lokuThuthwa kweMithwalo (FMS) sicacisa ngesicwangciso seSixeko sokulawula le ngxinano nokuqinisekisa ukuba imithwalo inokuhamba **ngokukhuselekileyo, ngokufanelekileyo nangokuzinzileyo.**

2. Kutheni esi sicwangciso kufuneka sihlaziyiwe

Emva kwecwangcisobuchule sangaphambili esingolawulo lokuthuthwa kwemithwalo seSixeko (sango2016), iKapa libe nala mava:

- **Ukwanda kwemithwalo esekwe ezindleleni,** njengoko iziseko zoncedo zikaloliwe kunye neenkonzo ziye zasilela ukusebenza.
- **Ukunyuka koxinzelelo kwiindlela ezinkulu,** kubandakanywa uN1, N2, noN7.
- **Ukonyuka kweenkxalabo zokhuseleko,** ngeengozi zelori ezingama20-30 koohola bendlela nyanga nenyanga.
- **Ukukhula kokuthengwa kwempahla ngeintanethi,** okukhokelela kwiimoto ezihambisa impahla kunye nemithwalo emincinci kwiindlela zasekuhlaleni.
- **Imingeni yokusebenza kwiZibuko laseKapa,** echaphazela ukuthembeka kwabathumeli bangaphandle nabo bangenisa ngaphakathi.
- **Ukwanda kweenkxalabo zokusingqongileyo,** kuquka ukukhutshwa kwekhabhoni nengxolo.

I-FMS ehlaziyiweyo isabela kule mingeni ngelixa ihambelana nemigaqonkqubo yesizwe neyephondo kunye neSicwangciso soPhuhliso esiHlanganisiweyo esitsha seSixeko (2022-2026) kunye neSicwangciso esiBanzi sezoThutho esiHlanganisiweyo (2023-2028).

3. Isicwangcisobuchule

Umbono

Izithuthi ezithutha imithwalo eKapa kunye nommandla ezisebenza kuwo ***zikhuselekile, zisebenza kakuhle, kwaye zithembekile*** *kwaye zinika inkonzo kwiimfuno* ***zoqoqosho lwengingqi nolommandla*** *ngaphandle kokubeka esichengeni ukufikelela kunye neemfuno zezothutho kwabanye abasebenzisi beendlela noololiwe, ngelixa abaqhubi beqonda kwaye* ***bethobela imigaqo*** *enxulumene nokhuseleko, okusingqongileyo, ukugcinwa kwempahla, kunye nomgaqo othi "umsebenzisi uyahlawula".*

Iindawo ezine ekugxilwe kuzo ukuze kuphunyezwe umbono

1. **Ukhuseleko**

Ukuqinisekisa ukhuseleko lwabo bonke abasebenzisi bendlela ngokunciphisa izehlo ezinxulumene nokuthuthwa kwemithwalo, ukuphucula imigangatho yezithuthi kunye nokujongana nemingcipheko kwinkqubo yendalo yothutho lwemithwalo.

1.1. Ukuxhasa ukucuthwa kweengozi ezinxulumene nezithuthi ezithwala imithwalo **ngokuphuculwa kwendlela yokusebenza** (umzekelo, iimpawu zendlela, amanyathelo okumisa okunyanzelekileyo).
1.2. Ukwandiswa kwenkxaso yookuphuculwa **kwezithuthi ezilungele ukuba sendleleni** okugcono kwezithuthi kunye **nokuziphatha** kwabaqhubi.
1.3. Ukuyilwa **kwezitalato ezikhuselekileyo** ezihamba izithuthi ezithwala imithwalo, kodwa zikhusele kananjalo abahambi ngeenyawo nabakhweli beebhayisikile.
1.4. Ukuzama ukufumana **ulwazi olufanelekileyo, izixhobo zocwangciso kunye nemigaqo** ukulungiselela ukonyuka kokuhanjiswa kwemithwalo emincinci.

2. Ukusebenza kunye nokuthembeka

Ukuphucula ukuqikelelwa, ukusebenza kunye nokomelela kwentshukumo yezothutho lwemithwalo eKapa ngokwenza ukhetho lweendlela, iziseko ezingundoqo kunye nolungelelwaniso lokusebenza.

2.1. Ukukhuthaza ukutshintshwa komthwalo ukusuka **kwindlela ukuya kwisiporo**. Malunga **ne95% yempahla ethunyelwa ngaphandle yaseKapa ithuthwa ngezithuthi zendlela**, ngelixa i5% kuphela ithuthwa ngoololiwe. Utshintsho luya kususa iilori kwingxinano yezithuthi, lunciphise ukonakala kwendlela okunxulumene neelori kwaye lunciphise ukukhutshwa kwekhabhoni.
2.2. **Ukugcina** iindlela zezithuthi ezithutha imithwalo.
2.3. **Ukunciphisa ukulibaziseka ngenxa yeengozi ezindleleni**. Ukugcina kunye nokuphucula indlela elungileyo yokuphendula kwizehlo ngokumalunga nokuvala, ukulawula nokucoca iingozi zendlela, ukuxhasa bonke abasebenzisi bendlela.
2.4. Ukuxhasa **izikhululo zasekhaya** kunye **neepaseji** zemithwalo.
2.5. Ukuphucula intsebenziswano **neZibuko laseKapa**. Umzekelo, okwangoku kukho umda wokusetyenziswa kweenkonzo zasemva kweeyure zezibuko ngabasebenzisi. ISixeko kufuneka sixhase intshukumo yezothutho lwasemva kweeyure zomsebenzi ukuthomalalisa uxinzelelo kwiindlela zeSixeko, ngakumbi emva kolibaziseko olunxulunyaniswa nemozulu nangamaxesha onyaka okuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe.

3. **Supporting local & regional economic growth Ukuxhasa ukukhula koqoqosho lwengingqi nolommandla**

Ukubeka izithuthi zothutho lwemithwalo njengesixhobo sophuhliso loqoqosho olubandakanyayo noluzinzileyo ngokulungelelanisa iziseko ezingundoqo, ukusetyenziswa komhlaba kunye nokusebenza neemfuno zokutshintsha koqoqosho lwaseKapa.

3.1. Ukucwangcisela ukusetyenziswa komhlaba kunye neziseko ezingundoqo ezixhasa imizimveliso nokuthuthwa kweempahla. Umzekelo, ukuvuselelwa komzila kaloliwe othwala iimpahla; ukucwangciswa kwezibonelelo zothutho lwemithwalo ukuze zifikelele kwizibuko.
3.2. Ukucwangcisela **ukukhula kwimisebenzi yezibuko**, ngakumbi ukuhamba kweekhonteyina ngomzila kaloliwe.
3.3. **Ukukhusela** iindawo ezime kakuhle ukulungiselela **imisebenzi yemizimveliso** nenxulumene nothutho lwemithwalo.
3.4. Ukuxhasa **ukomelela** kunye **nokulungelelanisa** ukuphendula kutshintsho kunye nemingcipheko kwinkqubo yokuthuthwa kweempahla kunye nabasebenzi.

4. **Ukuthotyelwa kunye nomgaqo**

Ukuqinisa ulawulo noxanduva kwicandelo lezothutho ngolawulo olusebenzayo, ukunyanzeliswa komthetho kunye nothethathethwano nabachaphazelekayo, ngeli lixa kukhuthazwa uxanduva lokusingqongileyo kunye negalelo elinobulungisa kusetyenziso lweziseko ezingundoqo.

4.1. Ukuqinisa unyanzeliso lomthetho ngokumalunga **nokugcwalisa ngokugqithisileyo izithuthi**, izithuthi **ezingakhuselekanga,** izenzo **ezingekho mthethweni** kunye nokupaka iilori ngokungekho sikweni.
4.2. Ukukhuthaza **ukuzilawula** kunye nokuthotyelwa kolu shishino.
4.3. Ukuxhasa indlela "yomsebenzisi ohlawulayo" enobulungisa kulungiso lwendlela.

5. Ungenelelo olunokwenzeka oluchongiweyo kwisicwangciso

5.1. **Ukuphucula ukhuseleko**

- Ukuphucula iindlela ezinobungozi kunye neendawo ezineengozi zelori.
- Ukuqinisa uhlolo lwezithuthi kunye nokunyanzelisa imithetho ekuthuthweni kwempahla eyingozi.
- Ukusebenzisana nemizimveliso ukuphucula uqeqesho lwabaqhubi nokujongana nokudinwa kwabaqhubi.
- Ukusebenzisa itekhnoloji efana neCCTV, iisistim zokuweyisha ngelixa isithuthi siduma kunye nokujonga ubude.

5.2. **Ukwenza ukuhamba kwezithuthi zemithwalo kusebenze nangakumbi**

- Ukuthethelela **ukuvuselelwa koololiwe** kunye nokucocwa kweziporo zoololiwe.
- Ukuxhasa izikhululo zasekhaya ezifana **neKraaicon** kunye nokuphucula indlela yokungena eBelcon.
- Ukuqulunqa **isiCwangciso esingoLawulo lweZehlo kwiZithuthi zeMithwalo** ukunciphisa ulibaziseko.
- Ukuphucula ukusebenzisana namahlakani ephondo nawesizwe, ngakumbi iSANRAL, Transnet kunye nezibuko.

5.3. **Ukuxhasa uqoqosho**

- Ukuhlanganisa iimfuno zothutho kunye nesicwangciso sokusetyenziswa komhlaba ukuqinisekisa ukuba iindawo zoshishino zithungelana kakuhle.

- Ukukhusela umhlaba ukulungiselela iindawo zothutho lwempahla kwixesha elizayo kunye nezibonelelo eziqhagamshelwe kumzila kaloliwe.
- Ukusebenzisana namashishini ukukhuthaza ukusebenza kwezibuko xa kungaxekekanga, ucwangciso lwedijithali kunye neendlela ezingcono.

5.4. **Ukuphucula ukuthobela imiqathango**

• Ukunyusa umthamo weyunithi yezothutho ezindleleni yeSixeko.
• Ukulwa nomthwalo ogqithisileyo, izithuthi ezingalungelanga ukuba sendleleni kunye nokukhutshwa kweelayisensi zobuqhopholololo.
• Ukukhuthaza iinkqubo zokuthotyelwa kwemiqathango ezikhokelwa yimizimveliso efana neRTMS.
• Ukusebenzisana nephondo kwiindlela ezifanelekileyo nezizinzileyo zokubuyiswa kweendleko zomthwalo.

6. Ukubek'iliso kwinkqubela phambili

ISixeko siya kuseka **isiKhokelo** esicwangcisiweyo **sokuBek'iliso nokuVavanya (M&E):**

- Ukuphucula ukuqokelelwa kwedatha, ingakumbi ngokumalunga nomthamo wempahla, izithuthi ezikhaphukhaphu zothutho (LDV) kunye nothutho lwemithwalo emincinci.
- Ukulandelela inkqubela ngokunika ingxelo engokuthelekisa noko kujoliswe kuko kunye neenkqubo ezikhoyo zendlela yokusebenza zeSixeko.
- Ukuqinisekisa uxanduva lwamasebe.